



# Vuk'uzenzele

Iziswa yiNkonzo yezoNxibelelwano neNkqubo yoLwazi kaRhulumente (GCIS) isiXhosa/English EkaTshazimpunzi 2016 Ushicilelo 1



**I-Diepsloot  
yakhelwe  
isikhululo  
esitsha  
samapolisa  
Iphepha 7**



**libhiliyoni  
ezisi-R7  
zabelwe  
iziseko ezitsha  
zamazibuko  
Iphepha 11**

**INEZITHUBA  
ZEMISEBENZI**

## Yenza ilizwi lakho livakale

### Ongezwa Manyathi

**A**bemi boMzantsi Afrika abanelungelo lokuvota baza kuphinda bafumane ithuba lokusebenzisa ilungelo labo lokomgaqo-siseko ngokuthi bavote kuNyulo oluzayo looRhulumente beMimandla lowama-2016.

Ngokuvota, abemi boMzantsi Afrika abomelezi kuphela ulawulo lwentando yesininzi lwelizwe kodwa basekwangabahlali abadlala indima ngokuthi bonyule iinkokheli abazikhetheleyo neziza kubanceda baphucule umgangatho wobomi babo.

Laa X ubalulekileyo ubekwa kwiphepha lokuvota udlala indima yokunyanzela ooceba ukuba baphendule kwaye baqinisekise ukuba oomasipala babuyela kundalashe ngokuthi bazise iinkonzo kuluntu.

Ukuze ulawulo lwentando yesininzi lwelizwe luhlale luluqilima, abemi boMzantsi Afrika kufuneka bathathe inxaxheba kunyulo lowama-2016 looRhulumente beMimandla.

Ukuvota kuthetha ukuba izimvo zabemi boMzantsi Afrika zingaphulaphulwa. Kodwa oku akusayi kwenzeka ukuba abantu abaqinisekisi ukuba amagama abo akhona kumqulu woluhlu lwabavoti phambi kokuba uvalwe.

Abavoti abafanelekileyo kufuneka babhalise kube kanye kuphela, ngaphandle kokuba bafudukile okanye imida yesithili abavota kuso itshintshile. Oku kubalulekile kuba abemi abaninzi boMzantsi Afrika abaqondi ukuba iivadi zabo zitshintshile kutshanje.

KwiNtetho yakhe engoBume beSizwe, uMongameli uJacob Zuma wabongoza bonke abavoti abangabemi boMzantsi Afrika ukuba babhalisele unyulo.

"Ndihlaba ikhwelo kubo bonke abemi boMzantsi Afrika abanelungelo lokuvota ukuba baphume ngobuninzi babo ukuya kwizithili nakwizikhululo zabo zokuvota baye kubhalisa okanye baye kulungisa iinkcukacha zabo, ukuze balungele le nkqubo ibalulekileyo yolawulo lwentando yesininzi," utshilo.

Abemi boMzantsi Afrika abangamakhulu-khulu amawaka balisabele eli khwelo ngexesha lempelaveki yokuqala yobhaliso ngeyoKwindla. IKomishini yoNyulo eziMeleyo (i-IEC) ibhengeze ukuba impelaveki yokugqibela yokubhalisela uvoto yileyo yomhla wesi-9-10 kuTshazimpunzi wama-2016.

Abemi boMzantsi Afrika abangaphezulu kwezigididi ezithathu bandwendwela izikhululo zovoto besiya kubhalisa, abanye besiya kuphinda babhalise okanye besiya kulungisa iinkcukacha zabo. USihlalo weKomishini yoNyulo, uMnu Glen Mashinini, uthe inani labavoti elindwendwele izikhululo zonyulo belingaphezulu ngokuphindwe kabini kunenani labo babebhalise ngexesha lempelaveki yokuqala yobhaliso loNyulo looMasipala lowama-2010.

Oku kuthetha ukuba inani labantu ababhalisileyo linyuke ngama-23% xa lithlekiswa nempelaveki yokuqala yokubhalisela unyulo lukaZwelonke nolwamaPhondo lowama-2014.

"Ezi zindaba ezimnandi ngoNyulo oluzayo looMasipala lowama-2016 nolwexesha elizayo," utshilo uMashinini.

Nangona ubhaliso lokuvota lwempelaveki yokuqala lugqithile, lisekhona ixesha lokubhalisa. Abavoti abafanelekileyo abangekabhalisi okanye abasafuna ukukhangela iinkcukacha zabo banakho ukufaka isicelo sokubhalisa ngamaxesha omsebenzi kwii-ofisi ezikufutshane zeKhomishini yoNyulo okanye babhalisele ukuvota ngeentsuku ezikhethekileyo zobhaliso.

Abo bafuna ukubhalisa kwii-ofisi ezikufutshane zeKhomishini yoNyulo kufuneka

batsale umnxeba kuqala > **Liqhubeka kwiphepha lesi-2**

**Urhulumente  
wemimandla  
usezandleni  
zakho!**

**Bhalisela  
ukuvota!**

**9-10 ekaTshazimpunzi 2016**

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# I-Diepsloot yakhelwe isikhululo esitsha samapolisa

**Noluthando Mkhize no-Edwin Tshivhidzo**

Isikhululo samaPolisa sase-Diepsloot kumntla wesixeko saseRhawutini ebekudala silindiwe ekugqibeleni side savulwa yaye kulindeleke ukuba silwaphule um-nqomnqo ulwaphulo-mthetho kulo mmandla.

Esi sikhululo sivulwe ngokusesikweni nguMphathiswa wezamaPolisa uNkosinathi Nhleko ohlabe ikhwelo kuluntu ukuba lukhusele abasetyhini nabantwana kwanokuba lusebenzise iziseko zasekuhlaleni zobopolisa ukulwa ulwaphulo-mthetho kwiindawo oluhlala kuzo.

“Uphuhliso lwenzeka xa kukho uxolo... Kukwaxhomekeke kuluntu ukuqinisekisa ngokhuseleko lwalo. Kufuneka sisebenzisane sonke ukulwa ulwaphulo-mthetho,” utshilo.

UMphathiswa ukwanikezele kwesi sikhululo izithuthi ezitsha ezingama-21 ukomeleza iphulo lokulwa ulwaphulo-mthetho kule ngingqi.

Urhulumente uchithe imali engaphezulu kwezigididi zeerandi ezili-100 ukwakha esi sikhululo, nesaqala ukwakhiwa ngowama-2008.

Umsebenzi wokwakhiwa kwaso wadalela izithuba zemisebenzi ezili-145 uluntu olwalaqueshwe njengebasebenzi abenza imisebenzi eyahlukene ukanti ngabantu abatsha abangama-200 abafumene uqeqesho kwiinkalo ezahlukene zobugcisa bokwakha kusetyenziswa iNkqubo yemiSebenzi yoLuntu eNatyisiweyo kunye neNkonzo yeSizwe yokuPhuhlisa uLutsha.

## UKUKHUSELWA KWABANTU BASEDIEPSLOOT

Lo msitho ubukwazinyaswe naliBambela loMkomishinara weSizwe wamaPolisa uLieutenant-General Johannes Phahlane noye wathi isikhululo samapolisa esisebenza kakuhle sibalulekile kuyo nayiphi na indawo.

“NjengabeNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (i-SAPS) kuyasivuyisa ukwakhiwa kwesi sikhululo kusenzelwa nina kuba nathi njengamapolisa siza kuxhotyiswa ukuze sikwazi ukukhonzisa sikwakhusele ngokugqibeleleyo nangokulungileyo uluntu lwaseDiepsloot.

“Zonke izixhobo zokusebenza ezikwesi sikhululo ziza kusetyenziswa ngendlela eyiyo nangokugqibeleleyo ukulwa ulwaphu-

lo-mthetho,” utshilo.

ULieutenant-General Phahlane waleke ngelithi amapolisa kufuneka ephendule kuluntu alusebenzelayo. Unyathele nomba wokubaluleka kwentsebenziswano engqinngqwa phakathi kwamapolisa noluntu. Uthe ngabantu abavela nkalo zonke abangena eMzantsi Afrika abaphela bethontelana kwisixeko saseRhawutini besiza ngeenjongo zokukhangelana amadlelo aluhlaza.

Uhambise wathi, “Abantu abavela kwamanye amaphondo kwanabo baphuma kumazwe angabamelwane beli, bagxalathelana kwiRhawuti lodumo, isixeko esiphala phambili kwezoqoqosho e-Afrika.

“I-Diepsloot njengenye yeendawo eziyingqongileyo, ithande ukonganyelwa lugxalathelwano loluntu. Abanye babhenela kulwaphulo-mthetho nakusetyenziso ngendlela engeyiyo kotywala neziyobisi nto ke leyo ngaxa limbi inokwayanyaniswa nobugebenga, ukuzama ukubulala, iziganeko zohlalaso kwanokudlwengula. Mandigxinise ukuba siza kuba ngqongqo ekulweni ezo zenzo zolwaphulo-mthetho.”

Uthe ukulwa ulwaphulo-mthetho, imigulukudu ethengisa iziyobisi, urhwaphilizo nemigewu ngumbandela obalulekileyo.

“Siqhubekile yaye siza kuthi gqolo ngokuLwisana namalungu ethu asebenzisa isivathu sethu esixabisekileyo ukwenza okuchaseneyo noko sikumeleyo. Sihlaba ikhwelo kuluntu ukuba luwazise ngaphambili amapolisa achaphezeleka kwiziganeko zolwaphulo mthetho.

Omnye wabahlali base-Diepsloot uJonathan Satheka, obezimase lo msitho wokuvulwa kwesi sikhululo, uxelele i-Vuk'uzenzele ukuba uziva ekhuselekile ngokuvulwa kwaso.

“Siyabulela kakhulu ngesi sikhululo sitsha kuba sisekuhlaleni yaye oku kuza kuboyikisa abaphuli mthetho,” utshilo.

## UKUSIWA KWEENKONZO NGQO KULUNTU

Ukususela ngowama-2014, i-SAPS iqalise ngephulo lokuhlaziya nokwakha ngokutsha izikhululo kusetyenziswa inkqubo Yokusiwa kweeNkonzo Ngqo kuLuntu (i-FSD).

“I-FSD yamiselwa ngurhulumente yaye ikhokelwa yi-Ofisi kaMongameli ukuqinisekisa ukuba iyaphunyezwa imithetho-siseko ye-Batho Pele yokukhokelisa uluntu phambili.



UMphathiswa wezamaPolisa uNkosinathi Nhleko (ophakathi kumfanekiso ongentla) kunye neBambela loMkomishinara weSizwe wamaPolisa u-Lieutenant-General Johannes Phahlane bavule ngokusesikweni isiKhululo samaPolisa saseDiepsloot.



Ngokwale nkqubo, asibanga nakuphumelelela ekukhokeliseni uluntu kuphela koko sibe nako nokuphucula inkangaleko yamaziko ethu kwanokuqeqesha amalungu ethu kwindlela zokuphucula ukuziphatha xa esebenza nabantu abandwendwele izikhululo zethu,” utshilo uLieutenant-General Phahlane.

Waleke ngelithi le nkqubo yamiselwa khona ukuze kuphuculwe umgangatho womsebenzi wamalungu e-SAPS.

“Siwubonile umahluko. Uyabonakala umgama esiwuhambileyo malunga nezikhululo ze-FSD esele zilungiswe ngokutsha okanye zivuliwe. Sizibonile izikhululo zamapolisa ezifikelekayo kuluntu, ezibamnkela ngezandla ezishushu abo bafuna unce-

do, ukuphuculwa kobudlelwano nabathathinxaxheba kunye noluntu.”

NgokoMkomishinara weSizwe wamaPolisa, amalungu e-SAPS asebenzela uluntu aza kubethelela indlela eyiyo yokuziphatha, indlela ezingcono zokusebenza kwanembeko.

Ulwaphulo-mthetho kufuneka lupheliswe ukuze sisebenzisane sithabathele kuthi ulawulo lweendawo esihlala kuzo khona ukuze sibe nokukhulisa abantwana bethu abazinkokokheli zangomso kwi-Diepsloot engcono nekhuselwekileyo.”

UMphathiswa wemiSebenzi kaRhulumente uThulas Nxesi, obekho naye apho, uhlaba ikhwelo kuluntu ukuba lusisebenziose ngendlela eyiyo eso sikhululo nanjengoko sakhelwe ukunceda lona.

# Ukulwa ulwaphulo-mthetho norhwaphilizo

**Dorris Simpson**

UMongameli Jacob Zuma ubhengeze imiqathango ejoliswe ekwandiseni amalinge okulwa ulwaphulo-mthetho norhwaphilizo.

Kwimpindulo yakhe kwiingxoxo zeNtetho engoBume beSizwe, uMongameli uthe urhulumente uza kwenza ngqongqo imithetho kwaye uyaqhubeka nangamanye amalinge okuphelisa ulwaphulo-mthetho norhwaphilizo.

“ICandelo lokuThinjwa kweeMpahla (i-AFU) lenze umsebenzi omhle kulo nyakamali uphelileyo, utshilo.

Eli candelo liqumbele amatyala angama-463 angokuthinjwa kweempahla axabisa iibhiliyoni ezimbini zeerandi laza lafumana nemiyalelo yenkundla engama-342 enika igunya lokuhluthwa kweempahla exabisa iibhiliyoni zeerandi eziyi-2.8.

“Yimali eyimbuyekezo eqikelelwa kwibhiliyoni yeerandi eyi-1.6 ehlawulwe amaxhoba olwaphulo-mthetho,” utshilo uMongameli Zuma. Le mali ifumaneke emva kokuba kwenziwe uphando kwizenzo zorhwaphilizo.

UMongameli waleke ngelithi imali ezizigididi zeerandi ezili-11 efumaneke kuphando lwabasebenzi bakarhulumente ababandakanyeka kwiziganeko zorhwaphilizo namanye amatyala afana nalo.

Uthe uMthetho-sihlomelo oSaYilwayo wokuDandalazisa ngokuKhuselekileyo ungenisiwe kwiNdlu yoWisomthetho yeSizwe kulo nyaka uphelileyo.

“Injongo yawo ephambili kukukhuseleka abahlebeli abasemagunyeni ngolwaphulo-mthetho khona ukuze urhulumente akwazi ukulwa ngcono nangamandla urhwaphilizo.

“UMthetho-sihlomelo oSaYilwayo wokuThintela nokuLwa iZenzo zoRhwaphilizo uza kwandlalwa phambi kwePalamente,” utshilo uMongameli Zuma.

Lo mthetho usayilwayo uphucula ukusetyenziswa koMthetho wokuThintela nokuLwa iZenzo zoRhwaphilizo ngeenjongo zokuvula izikhewu kwanokunciphisa imiceli mngeni engaba ikho ekumiselweni kwawo.

Omnye umthetho omtsha oza kungeniswa ePalamente nguMthetho oSaYilwayo woLwaphulo-mthetho kwi-Intanethi nemiBa eHambelana nalo. Lo mthetho uyilwayo kulinde-



Urhulumente uzimisele ukulwa ulwaphulo-mthetho norhwaphilizo kweli lizwe.

leke ukuba wandlalwe phambi kwePalamente kwisiqingatha sokuqala sowama-2016.

Ulwaphulo-mthetho kwi-intanethi lungachazwa njengolwaphulo-mthetho olwenziwa kusetyenziswa ikhompuyutha ne-intanethi.

liswe Phambili, utshilo uMongameli. La macandelo aza kuba phantsi kweCandelo loPhando loLwaphulo-mthetho oluKhokeliswa Phambili, nelikwaziwa ngokuba ngooKhetshe.

## IINGUQU KWINKONZO YAMAPOLISA OMZANTSIS AFRIKA

Sise kwakwimibandela yezokhuseleko, uMongameli ubhengeze iinguqu ezimbini kwi-SAPS.

“Njengenxalenye yephulo lokuBuyela kuNdalashe, i-ofisi yoMphathiswa wezamaPolisa iza kumisela amacandelo awodwa, okulwa neziyobisi nezinye iintlobo zolwaphulo-mthetho oluqhutywa kumazwe ngamazwe kubandakanya nobundlobongela kwanokwanda kweemikhono yekati kwiindawo zoluntu.”

La macandelo mabini liZiko lokuLwa iziYobisi loMzantsi Afrika kunye neZiko leSizwe lokuLwa imiPu engekho Mthethweni noLwaphulo-mthetho olu-

nobuNdlombongela oluKhokeliswa Phambili, utshilo uMongameli. La macandelo aza kuba phantsi kweCandelo loPhando loLwaphulo-mthetho oluKhokeliswa Phambili, nelikwaziwa ngokuba ngooKhetshe.

# Bhalisela ukuvota!



Urhulumente wemimandla usezandleni zakho!

9-10 ekaTshazimpunzi 2016



## URHULUMENTE WEMIMANDLA

## Iphulo elikhokelwa ngabasesyihini lakha izindlu ezisemgangathweni

Rirhandzu Nkombyani

**A**bahlali beelali eziphantsi koMasipala waseMogalakwena kungekudala nje baza kufumana izindlu ezindilisekileyo.

Ziintsapho ezingama-60 zizonke zelali yaseGa-Hlako neyaseTaeatsoala phantsi koMasipala waseMogalakwena, kuMasipala wesiThili saseWaterberg eziza kufumana izindlu phantsi kwePhulo loKwakha labaseTyhini leSebe leSizwe lokuHlaliswa koLuntu.

Eli Phulo loKwakha labaseTyhini liyinxalenye ye-Letsema Project elineenjongo zokwakha izindlu kulungiselelwa abantu abasemngciphekweni wokuthwaxa yindlala abafana nabantu abadala, abantu abasesyihini, abantu abakhubazekileyo nabantwana.

Lo ngumsebenzi owenziwa liSebe lokuHlaliswa koLuntu libambisene noMbutho wabaseTyhini abakwiCandelo loKwakha eMzantsi Afrika kunye nabathathi-nxaxheba kweli candelo. Lo msebenzi ubanjwa rhoqo ngonyaka kwiphondo elinye okanye amaninzi ukubhiyozela iNyanaga yabaseTyhini.

Iphulo loKwakha labaseTyhini lamiselwa ngowama-2006 yaye phantsi kwalo sele kwakhiwe izindlu ezingaphantse zifikelele kuma-500 kulo lonke eli ukususela ukuqalwa kwalo.

Ethetha kumsitho wokubekwa kwesitena nokuphethulwa kwesoyi kwilali yaseTaeatsoala, uSekela-Mphathiswa wokuHlaliswa koLuntu uZou Kota-Fredericks uthe lomsebenzi ubonakalisa ukuba urhulumente kuwo omathathu

amaqoqo akhe, uzimisele ukubonelela abemi boMzantsi Afrika ngezindlu ezindilisekileyo.

“Eyona nto ibaluleke ngakumbi ngeli Phulo loKwakha kukuba kukho ukusebenzisana okubonakalayo phakathi kukarhulumente, amashishini azimeleyo kwanabahlali abanikezele ngexesha labo elininzi ukuqinisekisa ukuba lo msebenzi uyimpumelelo,” utshilo uSekela-Mphathiswa uKota-Fredericks.

USekela-Mphathiswa uKota-Fredericks uthe bayakuqonda ukuba lo mmandla wase-Taeatsoala uphantsi koMasipala obesoloko eneengxaki.

Uqinisekise uluntu lwalapho ukuba ezo ngxaki zifumana ingqwalasela yaye urhulumente usebenza ngamandla ukuzama ukufumana isisombululo.

“Kuyandivuyisa ukuva ukuba iindawo ezininzi ezingqongwe iTaeatsoala zinombane kwanokuba abanye abantu, bencediswa ngurhulumente baye baqalisa ookopolotyeni bokuvelisa amaqanda, amaphepha endlu yangasese, iitawuli zoomama kwanezinye iimveliso.

UMphathiswa wePhondo (u-MEC) laseLimpopo weSebe loLawulo lweNtsebenziswano, uHlaliswa loLuntu kwaneMicimbi yeMveli uMakoma Makhurupetje uthe isebe lizimisele ukuqinisekisa ukuba abasesyihini bayaxhotyiswa kwaye oku kucaca kakuhle kumaphulo okwakha izindlu anikezwe iinkampani zokwakha zabasesyihini ukususela ngowe-1994.

“Kulo nyaka-mali uphelileyo nakulo iphondo laseLimpopo linikezele ngemisebenzi



Abahlali belali yaseGa-Hlako neyaseTaeatsoala eLimpopo banikwe izindlu ezisemgangathweni ukuze bahlale neentsapho zabo.

yokwakha izindlu ezingama-5 900 kwiinkampani zokwakha zabasesyihini ezili-12 exabisa imali ezizi-507 123 551 zeerandi xa iyonke. Ukuzimisela kwethu kubonakaliswa kakuhle linani lezindlu ezakhelwe uluntu. Zizindlu ezingaphezulu kwezigidi eziyi-3.3 ezakhiwe kusetyenziswa inkqubo yenkxaso-mali karhulumente yezindlu,” utshilo uMakhurupetje.

## UKWAKHIWA KWEZINDLU EZIBHADLILEYO

Omnye umntu ofumene indlu kule nkqubo nguJoyce Ramashala (oneminyaka engama-58) welali yaseGa-Hlako phantsi kukaMasipala waseMogalakwena.

Ubomi bebunzima kuRamashala nosapho lwakhe abachithe iminyaka emininzi behlala kwibhodlo letyotyombe elimagumbi-mabini.

Ixesha lokuna kwemvula ibiba lixesha elinzima kakhulu kubo.

Ngethuba uSekela-Mphathiswa uKota-Fredericks no MEC uMakhurupetje betyelele ikhaya lakhe akakwazanga ukuzibamba luvuyo.

“Ndiswel’ amazwi. Ndivuya kakhulu kuba siza kuba nendawo esiyibiza ikhaya. Indlu iza kubuyisa isidima sethu,” utshilo.

Omnye ofumene indlu nguCatherine Moreana (oneminyaka engama-70) ohlala kwindlu emagumbimabini nabanye abantu abasixhenxe abaxhomekeke kuye. Lo msebenzi wobonelelo ngezindlu ubutshintshile ubomi bakhe nobo bosapho lwakhe.

**\*URirhandzu Nkombyani usebenzela uRhulumente wePhondo laseLimpopo.**

## &gt; Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

ukwenza idinga lokubhalisa. Oku kungenxa yokuba xa ilizwe lisondele kuSuku loNyulo, abasebenzi abaninzi bonyulo baza kuba bethe bhazalala befundisa uluntu ngovoto.

## ULUTSHA KUFUNEKA LUBHALISE UKUZE LUVOTE

Njengokuba ilizwe liphawula iminyaka engama-40 yesikhumbuzo sodushe lwaseSoweto ngonyaka we-1976, kufanelekile ukuba ulutsha luphume ngobuninzi balo luye kubhalisa ukuze bakwazi ukuvota kwaye bakwazi ukuvakalisa izimvo ngekamva labo. Esi sizukulwana sikhoyo sabantu abatsha kufuneka sikhuthazwe lututsha lonyaka we-1976 kwaye sikhokele phambili ekukhuseleni ikamva lelizwe.

Abantu abaninzi basweleka besilwela bonke abemi boMzantsi Afrika ukuze bakwazi ukuphila kwilizwe elikhululekileyo elilawulwa ngentando yesininzi. Nangona ulawulo lwentando yesininzi luvavanywa amaxesha ngamaxesha, oko akuthethi ukuba akukho nkqubela ukususela kunyaka we-1994.

## NGUBANI ONOKUBHALISELA UVOTO?

## ELINYE ITHUBA LOKUBHALISA

Uze ungayiphosi impelaveki yesibini yokubhalisela uNyulo looMasipala lowama-2016. Izikhululo zovoto ziza kuvulelwa ubhaliso kwilizwe jikelele ukususela ngenstimbi yesi-8 kusasa ukuya kwintsimbi yesi-5 malanga ngomhla wesi-9 nowe-10 kuTshazimpunzi wama-2016.

Ukuze ukwazi ukubhalisa kufuneka ube ngummi woMzantsi Afrika; ube neminyaka eli-16 ubuncinane (ungavota kuphela xa uneminyaka eli-18 ubudala) kwaye ube nencwadi yesazisi eluhlaza enebhakhawudi, ikhadi-sazisi, okanye incwadi yesazisi esemthethweni yethutyana (i-TIC).

Abo bafaka isicelo kufuneka banikezele nangedilesi yendawo abahlala kuyo ekwisithili sabo sovoto apho babhalisela ukuvota kuso.

Ukuba abavoti abanayo idilesi esesikweni kufuneka bakwazi ukunika amagosa onyulo iinkcukacha ezifanelekileyo zendawo abahlala kuyo ukungqina ukuba babhalisa kwisithili esichanekileyo sokuvota.



## NDINGA-BHALISA PHIFUTHI NINI?

Unakho ukwenza lokufaka isicelo sokubhalisa ngamaxesha omsebenzi kwi-ofisi ekufutshane ye-IEC ejongene nesithili sakho sovoto.

## NDIBHALISA NINI NGOKUTSHA KWAKHONA?

**Kufuneka ubhalise ngokutsha kwakhona xa:**

- idilesi yakho itshintshile.
- i-IEC ikwazisa ukuba imida yesithili sakho sovoto itshintshile.

## WAZI NJANI UKUBA UBHALISILE OKANYE UBHALISE PHI?

Ukuze ujonge iinkcukacha zakho zokubhalisa, ungenza ezi zinto zilandelayo:

- thumela i-SMS kwakunye nenombolo yakho yesazisi kule nombolo: 32810 (uyakuhlalwa i-R1.00 nge-SMS)
- khangela iinkcukacha zakho zokubhalisa kwi-intanethi ku-[www.elections.org.za](http://www.elections.org.za)
- zikhangele kwisikhululo sakho soku-

vota ngexesha lempelaveki yobhaliso (9-10 ekaTshazimpunzi 2016) zikhangele kwi-ofisi ofisi ekufutshane ye-IEC ngamaxesha omsebenzi.

## UKUFAKA ISICELO SEVOTI EKHETHEKILEYO

Ivoti ekhethekileyo ivumela umvoti obhalisileyo, ongakwaziyo ukuvota kwisikhululo sakhe sokuvota ngoSuku loNyulo, ukuba afake isicelo sokuvota ngosuku olumiselweyo oluphambi koSuku loNyulo. Nangona kunjalo, ayinye wonke umntu onelungelo levoti ekhethekileyo. Abo banqwenela ukufaka isicelo sevoti uekhethekileyo kufuneka babe noku kulandelayo:

- Yiba ngumvoti obhalisileyo
- Yiba nencwadi yesazisi eluhlaza enebhakhawudi; ikhadi-sazisi; okanye i-TIC efanelekileyo (faka isicelo kwi-ofisi yeMicimbi yezeKhaya)
- fezekisa imiqathango yohlobo lonyulo olo. Ungafaka isicelo sevoti ekhethekileyo ukuba awukwazi ukuya kwisikhululo sovoto ngenxa

Cofa u-“Like” kwikhasi le-Facebook leKhomishini yoNyulo (IECSouthAfrica) okanye ulandele i-IEC ku-Twitter (@IECSouthAfrica) ukuze ufumane ezamva nje malunga nemihla yempelaveki zokubhalisa.

yokuba ungapilanga ngokwasemzimbeni, ukhubazekile okanye ukhulelwe, okanye awukwazi ukuvota kwisikhululo sakho sovoto ngoSuku loNyulo.

## NDIVOTA NINI?

Ngokomthetho, iivoti ezikhethekileyo zingenziwa kuphela ngomhla/ngemihla echazwe kwisicwangciso sonyulo kwaye akukho bani uza kwenzelelelwa.

**\*Umthombo: iKomishini yoNyulo eziMeleyo.**

**Ngeenkukacha ezithe vetshe tsalela i-IEC kule nombolo: 0800 11 8000 ubuze imibuzo yakho ngonyulo. Iziko lemibuzo livuliwe ukususela ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu, ukususela ngentsimbi yesi-7 kusasa ukuya kwintsimbi yesi-9 ebusuku.**

## Abantu baphume ngendlu ukuya kwizikhululo zokubhalisela ukuvota

Priscilla Khumalo

**N**gabantu abangaphezulu kwezigidi ezithathu abanokuvota abatyelele izikhululo zokubhalisela uvoto kulo lonke eli lizwe ngempelaveki yokuqala yokubhalisela uvoto kutshanje. Kubantu abazizi-3 097 194 abandwendwele izikhululo zokubhalisela uvoto ngama-692 730 abantu abebhalisa okokuqala, lo gama abasisi-1 086 958 bephinda bebhalisela uvoto kwizithili zokuvota ezahlukileyo baze abasisi-1 317 506 bangqinise kwaye bahlaziya iinkcukacha zabo zovoto kwisithili sovoto esifanayo.

Nabantu abatsha balisabele ngobuninzi ikhwelo kuba ngama-544 552 abantu abangaphantsi kweminyaka engama-30 abathe babhalisa okokuqala.

Baqikelelwa kuma-54% abasesyihini ababhalisele uvoto okokuqala. Oku kubonakele kuwo onke amaphondo, ngaphandle kwephondo loMntla Koloni, apho inani lamadoda nelabasesyihini abebhalisa okokuqala liphantse lalingana.

Iphondo laKwaZulu-Natal kunye neGauteng zibhalise phantse isiqingatha senani labo bonke abavoti ababhalisele ukuvota okokuqala. Ibingama-24% abavoti ababhalise okokuqala KwaZulu-Natal lo gama kwiphondo laseGauteng ibingama-22.5%.